**IPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI**

**VAKALISA ULUVO LWAKHO**

IKomiti eSisigxina kuRhulumente woMmandla, iMicimbi yezokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso yePalamente yePhondo leNtshona Koloni imema abo babandkanyekayo, abantu kunye nemibutho enomdla yokwenza iintetho kuMthetho oSayilwayo woLungiso woPhononongo neNkxaso yooMasipala weNtshona Koloni [B 8–2023] kunye noMthetho oSayilwayo weGunyabantu loCando lweMida yooMasipala eliziMeleyo d [B 14B–2022] (NCOP).

Injongo yo**Mthetho oSayilwayo woLungiso woPhononongo neNkxaso yooMasipala weNtshona Koloni [B 8–2023]** kukulungisa uMthetho woPhononongo neNkxaso yooMasipala weNtshona Koloni, 2014 (uMthetho 4 ka2014), ukuze kufakelwe iinkcaza ezithile; ukubonelela kuMphathiswa wePhondo ukuze afune nawuphi na umasipala okanye uluhlu oluthile lukamasipala ngesaziso kwi*Gazethi yePhondo* ukuba angenise kwinqwanqwa lombuso lephondo elichaziweyo; ukubonelelela ufikelelo kwiirekhodi zikamasipala ngexesha lovavanyo okanye uphando ngabasebenzi bamacandelo ephondo athile; ukubonelela ngengqaleko yamagosa enkxaso koomasipala; ukubonelela ngengqaleko yegosa lenkxaso; ukulungisa izibonelelo ezinikezela ngentsebenziswano phakathi kukamasipala kunye neSebe; ukubonelela ngemigaqo yophononongo lwenxangaphambili loomasipala; ukubonelela ngemigaqo yohlolo, ukhuselo nokukhutshelwa (ukukotshwa) kweerekhodi kwiimeko ezicacisiweyo; ukubonelela kuMphathiswa wePhondo ukuba ayalele ibhunga likamasipala ukuba liqhube uvavanyo lwasekuqaleni xa efumana izityholo ezithile; ukugunyazisa uMphathiswa wePhondo ukuba alinde isiphumo sophando ngamanye amanqwanqwa ombuso ngaphambi kokuthabatha inyathelo phantsi kwecandelo 106 loMthetho weeNkqubo zooMasipala okanye lo Mthetho; ukulungisa iimfuno ezayamene novavanyo olwenziwe nguMphathiswa wePhondo phambi kokunyanzelisa icandelo 106(1) loMthetho weeNkqubo zooMasipala; ukulungisa imigaqo xa kunyanzeliswa ela candelo; ukucima iimfuno ezithile zokunika ingxelo; ukubonelela ngemiba uMphathiswa wePhondo anokwenza ngayo imigqaliselo; ukungenisa ezinye iziphoso; kwakunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.

Injongo yo**Mthetho oSayilwayo weGunyabantu loCando lweMida yooMasipala eliziMeleyo [B 14B–2022] (NCOP)** kukubonelela ngokusekwa, imisebenzi kunye namagunya eGunyabantu loCando lweMida yooMasipala eliziMeleyo; ukubonelela ngeendlela kunye nemigaqo yomiselo kunye nomiselo kwakhona lwemida yoomasipala; ukubonelela ngopheliso lwemida yeewadi; ukubonelela ngokusekwa kweGunyabantu leZibheno zoCando lweMida; ukubonelela ngeemvavanyo zezakhono zoomasipala; kwakunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.

Abo bantu banomdla ekuncokoleni neKomiti eSisigxina bangangenisa iintetho ezibhaliweyo (i-meyile: jcoetzee@wcpp.gov.za) okanye benze iintetho zomlomo ngokukuthumela amanqaku elizwi kuWhatsApp (inombolo yomnxeba wasesinqeni: 072 521 6674), kwaye bakwangacela ukuvela ukuvela phambi kweKomiti eSisigxina ukwenza iintetho zomlomo.

Umanyelo-zimvo zoluntu lulungiselelwe ngolu hlobo lulandelayo:

| UMHLA | IXESHA | INDAWO | INDLELA |
|---|---|---|---|
| Lwesithathu<br>23 Epreli 2025 | 18:00 | IZiko loLuntu laseJoji, 71 York Sitalato, eJoji | Ubuqu |
| Lwesibini<br>29 Epreli 2025 | 18:00 | IHolo yoLuntu yaseVredendal North, eVredendal | Ubuqu |
| Lwesithathu<br>30 Epreli 2025 | 18:00 | ITsheyimba yePalamente yePhondo leNtshona Koloni (umgangatho wesithandathu)<br>7 Wale Sitalato<br>EKapa | Ububhastile kunye nobuqu |

Zonke iintetho kunye nezicelo zokuvela phambi kweKomiti eSisigxina mazifike kwiKomiti eSisigxina NgoLwesibini we, 22 Epreli 2025.

Iintetho, imibuzo kunye nezicelo ezingqalileyo maziye kuMnu Johan Coetzee (umnxeba: 021 487 1717 okanye i-imeyile: jcoetzee@wcpp.gov.za).

Imithetho esayilwayo iyafumaneka kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni eyile: www.wcpp.gov.za.

**Sikhutshwe nguMnu D Bryant (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kuRhulumente woMmandla, iMicimbi yezokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso.**